Isalathiso: 20211026-7016
Inombolo yefayili: 13/1
Imibuzo: Ngokwetheyibhli 7.3

UMyalelo weCandelo loLawulo leeMviwo: 0018/2021

Uya: KwiiNqununu, kuBaphathi bamaZiko oKubhalela iiMviwo, nakuBagadi baBaviwa abaziiNtloko kwiiMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: IiMviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*): Iikhrayitheriya zokwamkelwa kwiimviwo zangoMeyi/Juni 2022 ngenxa yokugula, ukuswelekelwa ngomnye umntu wosapho olusondeleyo kuwe okanye ngenxa yeemeko ezizodwa zangethuba leemviwo ze*NSC* zangoNovemba 2021

1. Le ngcaciso imfutshane icacisa iikhrayitheriya zokwamkelwa kwabaviwa kwiimviwo zangoMei/Juni ze Satifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC).

2. Mawufundwe lo myalelo kunye noMmiselo 7B we-*Amendment of the Regulations Pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate Examination* opapashwe kwiGazethi kaRhulumente No. 42430 yange-30 Apreli 2019.

3. Iimviwo zokuxabangela ze*NSC* ziya kuqhutywa ngoMeyi/Juni 2022. Kuphela ngabafundi ababhalisele iimviwo ze*NSC* zangoNovemba 2021abanokwamkelwa kwiimviwo ze*NSC* zangoMeyi/Juni 2022.

4. Abafundi abathi bangabikho kwiimviwo ze*NSC* zangoNovemba 2021 nabangenasizathu sivakalayo nesamkelekileyo, abayi kuvunyelwa ukuba babhalisele isifundo (izifundo) kwiimviwo ze*NSC* zangoMeyi/Juni 2022.

5. Abafundi abanakubhalisela naziphi na izifundo ezitsha kwiimviwo zangoMeyi/Juni ze*NSC* ngo-2022, oko kukuthi banokubhalisela kuphela izifundo ebebebhalisele zona kwiimviwo ezandulelayo ze*NSC* zangoNovemba.

6. Iindidi *(categories)* anokuqwalaselelwa zona umfundi ukwenzela ukwamkelwa kwakhe kwiimviwo zangoMeyi/Juni ze*NSC* ngo2022 zezi zilandelayo:

6.1 **Iimeko zokugula/iimeko zezonyango/ Kwimeko yokuswelekelwa ngomnye wosapho osondeleyo kumviwa**

6.1.1 Umfundi ogulayo, okhulelweyo okanye othe wagula ngethuba leemviwo ze*NSC* zangoNovemba 2021 onesatifikethi sokugula esisemthethweni (*valid medical certificate)* uya kuvunyelwa abhalisele iimviwo ze*NSC* zangoMeyi/Juni 2022.

6.1.2 Umfundi okuphosileyo ukubhala uviwo ngenxa yokuba efunyaniswe osuleleke yi-*COVID*-19 okanye ebedibene nomntu ekuqinisekiswe ukuba une-*COVID*-19 yaye engakulungelanga ukubhala uviwo kumaziko okubhalela iimviwo alungiselele oku, ngenxa yesi sizathu, uya kuvunyelwa ukuba abhalisele iimviwo ze*NSC* zangoMeyi/Juni 2022.

6.1.3 Umfundi unokukhetha ukubhala zonke iimviwo zesifundo okanye ukubhala kuphela elo phepha (loo maphepha)/loo macandelo) lesifundo angazange alibhale kwiimviwo ze*NSC* zangoNovemba ngo2021.

6.1.4 Isatifikethi sokugula (*medical certificate*) masiyingqine imeko exhomisa amehlo yokugula yaye masizanelise iimfuno ezimiselweyo zeSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*). Umhla wokukhutshwa kwesatifikethi sokugula, mawungqinelane nomhla wokungabikho komviwa kuviwo.

6.2 **Kwimeko yokuswelekelwa** ngomnye wosapho osondeleyo kumviwa, ukwamkelwa kwiimviwo zeNSC zangoMeyi/Juni 2022 kuxhomekeke kwingqiqo yeNtloko yeSebe i*WCED*. Isicelo sokwamkelwa kwiimviwo masihanjiswe neleta evela kwinqununu ecebisa ngokuba umfundi ochaphazelekayo makabhaliselwe iimviwo ze*NSC* zangoMeyi/Juni 2022. Ikopi yesatifikethi sokusweleka esiqinisekisiweyo ne-afidavithi eyingxelo efungelweyo engqina ukuzalana nomntu oswelekileyo nomviwa, mayihanjiswe nesicelo.

6.3 **Iimeko ezizodwa**

6.3.1 Xa kunokwenzeka ukuba umfundi omele uMzantsi Afrika kumdlalo owaziwayo yaye ke ngoko angabinako ukubhala uviwo ngenxa yoko, yena makavunyelwe abhalisele iimviwo ze*NSC* zangoMeyi/Juni 2022 yaye anike ubungqina obuxhasa oku. Umfundi makaqinisekise ukuba ufumana ileta esemthethweni yebhunga lezemidlalo engqinisisa ukuba umfundi ukhethelwe ukuba amele ilizwe ngethuba elicacisiweyo.

6.3.2 Umfundi obhalisele iimviwo ze*NSC* zangoNovemba 2021 yaye, ngenxa yemiqathango ethintela iihambo phakathi kwamazwe (*travel restrictions),* angakwazi ukubuyela eMzantsi Afrika ukuza kubhala uviwo ngoNovemba 2021, uya kuvunyelwa ukuba abhalisele iimviwo ze*NSC* zangoMeyi/Juni 2022.

6.4 **Imfundo esemva kweyematriki**

Xa kunokwenzeka ukuba umfundi angazifezekisi iimfuno ezimiselweyo ze*NSC*, okanye azifezekise iimfuno ezimiselweyo ze*NSC* kodwa anqwenele ukuphucula indlela apase ngayo kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (nokuba kukuphucula isifundo okanye udidi lwenqanaba lokupasa kwakhe), yena unokubhalisela ukubhala iimviwo ze*NSC* zangoMeyi/Juni 2022.

7. Apho abaviwa bangakheyo kwiimviwo ze*NSC* zangoNovemba 2021 ngenxa yokugula, ukuswelekelwa lilungu losapho elisondeleyo kumviwa okanye kwiimeko ezizodwa, makulandelwe ezi zinkqubo zilandelayo:

7.1 Inqununu okanye umgadi wabaviwa oyintloko makambhale *(mark)* umviwa njengongekhoyo yaye akubonise oko ngo-"999" kwirejista yokubakho nakwimakhishithi ngokulandelelanayo.

7.2 Ngosuku loviwo, inqununu okanye umgadi wabaviwa oyintloko makabhale inombolo yoviwo yomfundi nenombolo yesazisi somfundi ngokucacileyo kwisatifikethi sokugula, kwi-afidavithi eyingxelo efungelweyo nakuyo nayiphi na enye imbalelwano phambi kokungeniswa kwayo kwaNdlunkulu weSebe leMfundo.

7.3 Amaxwebhu achaphazelekayo, oko kukuthi izatifikethi zokugula/zokusweleka (*medical/death certificates*), makahanjiswe neFom yoMfundi oNgekhoyo *(Learner Absentee Form*) **(isiHlomelo A)** yaye makathunyelwe kwaNdlunkulu weSebe i*WCED* ngokwahlukeneyo yaye AKUFUNEKI aqhotyoshelwe kwincwadi yempendulo/kwiskripthi (*script/answer book*). Amaxwebhu ayimfuneko makaskenwe aze athunyelwe nge-imeyili, kodwa amaxwebhu ayintsusa (*originals)* makaposwe okanye makaziswe ngesandla kwaNdlunkulu weSebe i*WCED* zingadlulanga iintsuku ezisixhenxe. Amaxwebhu makathunyelwe kula magosa alandelayo:

Isithili	**Umntu emakuqhaga-mshelwana naye:**	**I-imeyili**	**Inombolo yefoni:**
Izithili zeedolophu	George Valentine	George.Valentine@westerncape.gov.za	021 467 2360
	Ruth Hope	Ruth.Hope@westerncape.gov.za	021 467 2518
Izithili zamaphandle	Peggy Thomas	Peggy.Thomas@westerncape.gov.za	021 467 2930
	Patricia Liguma	Patricia.Ligma@westerncape.gov.za	021 467 2936

8. Bonke abafundi abakufaneleyo ukubhala iimviwo ze*NSC* zangoMeyi/Juni 2022, mabazalise ifom yesicelo. Iifom zokwenza isicelo kwiimviwo ze*NSC* zangoMeyi/Juni 2022 zinokungeniswa emva kokubhengezwa kweziphumo ze*NSC* zangoNovemba 2021 ngowe-21 Januwari 2022. Umhla wokuvala wezicelo zeemviwo ze*NSC* zangoMeyi/Juni 2022, ngowe-31 Januwari 2022.

9. Abafundi mababhale iimviwo zangoNovemba 2021 kwiziko lokubhalela uviwo apho babe bhaliswe khona.

10. Uyacelwa wazise ngokuqulethwe ngulo myalelo wecandelo lolawulo lweemviwo kubo bonke abasebenzi, abafundi nabazali ababandakanyekayo ekubhalweni kweemviwo ze*NSC* zangoNovemba 2021 ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2021-10-28